

*utywala, Iíngoma
kunye
neengxabano*



Sibongile Sithole



ISIXHOSA

Utywala, iingoma
kunye
neengxabano

namanye amabali

nguSibongile Sithole

Ihlelwe nguAndrea Engel kunye
noHeather Silove Howe

NEW READERS PUBLISHERS

Okuqulathwe yile ncwadi

Ilokishi yamaplanga	7
Abamelwane abalungileyo	9
I-Valiyenti emhlophe	12
I-Black Cat	15
Umtshato wam	17
Iminyaka yokuqala	17
Ukubuya esibhedlele	19
Itshatini yentlanzi	22
Utywala kunye namantombi	23
Ulugxa	25
Ukubaleka	27
Oomamomncinci	29
Ukutshintsha kwezinto	30
Imingcwabo yakudala neyangoku	32
Umngcwabo kamama	34
Umngcwabo ongaqhelekanga	38
Utywala, ingoma kunye neengxabano	38
Inkosikazi yesibini	40
Inkosikazi yesithathu	44
Nombolo 1, 2, 3	45
Amabali kamama	48
Umvundla okrele-krele	48
Umakhulu kunye nodyakalashe	50

Bafundi abathandekayo,

Amabali akule ncwadi abaliswa nguSibongile, aze abhalwa phantsi nguAndrea noHeather.

U-Sibongile uyathanda ukuthetha ngezinto ezenzeka ebomini bakhe. Kwisithuba sexesha elide wabalisele uAndrea ngamava akhe.

Sasingabafundi ekhosini yemfundo yabantu abadala. Kule khosi safumanisa ukuba kukho imfuneko enkulu yeencwadi zokufunda ezilungiselelwe abafundi abaqalayo ukufunda. Sithe sakuxelelwa ukuba masakhe iprowujekthi, sagqiba ekubeni sibhale incwadi. Sacinga ukuba amabali kaSibongile angabanika umdla abantu abadala abafuna ukufunda iSingingi.

Sabuza uSibongile ukuba angathanda ukubabalisele ngantoni na abafundi, wathi, "Ndifuna ukuthetha ngendlela esihlupheka ngayo."

Sawathanda amabali kaSibongile kwaye safunda lukhulu kuwo. Kodwa ke sacinga ukuba, "Mhlawumbi abafundi bayazazi zonke ezi zinto uSibongile athetha ngazo. Mhlawumbi bafuna into eyahlukileyo."

Kodwa uSibongile wathi, “Ndicinga ukuba la mabali abalungele abafundi, kuba abantu bayalibala ngezinto ezazikade zisenzeka.”

Sagqiba ekubeni sifake imifanekiso kwamanye amabali ukuze le ncwadi ibenomtsalane. Sacinga ukuba nina, bafundi ningathanda ukusebenzisa le mifanekiso ukuze nithethe ngezinto ezifana nezi, ezikhe zenzeka kuni. Sacela uJeff Rankin ofundisa ukuzoba eNatal Technikon ukuba asincede. Wayenza le ncwadi yethu yaba yiprowujekthi yabafundi bakhe abakunyaka wesibini. Bayifunda le ncwadi. U-Sibongile wabanceda ngokuthi achaze ukuba aba bantu basebalini bafana okanye babonakalisa ntoni na.

Sakuvuyela ukubhala le ncwadi sisonke, kwaye siyathemba ukuba nawe uyakuyivuyela. Mhlawumbi iyakukukhuthaza ukuba ubhale awakho amabali. Ukuba ufuna uncedo, siyakukunceda ngovuyo. Ungaqhagamshelana nathi kule dilesi elandelayo:

Centre for Adult Education
University of KwaZulu-Natal
Durban 4041
South Africa

Ilokishi yamaplanga

Ndihlala KwaMashu.

Ndafika KwaMashu ngo 1963, ngela xesha yayiyilokishi entle. Ngelo xesha kwakukho iisection ezininzi ezazenziwe ngezitena. Kodwa, eyethu isection, yayibizwa ngokuba yisection D, yayenziwe ngamaplanga.

Ngamanye amaxesha usapho beluhlala egumbini elinye. Kusapho lwam sasibathandathu, sihlala egumbini elinye.


Abantwana abaninzi abahlala esection D babefunda eIsibonelo kwisikolo semfundo ephakamileyo esection F. Xa ndandikwibanga lesixhenxe ndikhumbula into enika umdla eyenzekayo esikolweni.

Ngenye imini inqununu yesikolo yathi emigceni yokuhlangana, "Ndinebhongo kakhulu ngesikolo sethu, kuba abanye abantwana abalapha baphuma

kwilokishi yamaplanga, apho bahlala bebaninzi egumbini elincinane.

Kodwa abazali babo bazama ngazo zonke iindlela ukuze bazise abantwana babo kwesi sikolo. Ndibanovuyo xa ndigqitha ezindlwini zabo ngemoto ndibona iiyunifom zabo eziluhlaza na golide zonekwe ecingweni."

Nanamhlanje oku ndisayikhumbula into eyathethwa yinqununu. Babumnandi ubomi KwaMashu ngezo mini.



Abamelwane abalungileyo

Phambi kokuba sifdukele kwaMashu sasihlala eGlebeland. Apho ke sasihlala ezindlwini zodaka. Yayizizindlu zooronta kwaye uphahla lwalenziwe ngengca.

Abamelwane bethu eGlebeland yayingamaNdiya. Yayingabahlobo bethu, iintanga zam sidlala nazo sisikha amanzi empompeni.

Naxa sisiya ecaweni sasihamba kunye. Kodwa ke, amaNdiya ayengangeni kule yethu icawe. Sasisiya ecaweni yawo eClairwood.

Nabazali bethu babencokola namaNdiya ngokungathi bancokola nabanye abantu abaNtsundu.

Ndiyakhumbula, umama wayethanda ukupheka imifino. Yonke imihla ebesikha imifino emitsha esitiyeni, ayipheke ngembiza enkulu. Amanenekazi amaNdiya ayeyiva imifino ngevumba esezindlwini



zawo, kwaye ayedla ngokuthi, "Yhu Mama, upheka imifino emnandi namhlanje, inuka kamnandi."

Ke umama ubedla ngokuhleka athi kubo, " Ewe, kulungile, ndizakunibonisa ukuba iphekwa njani imifino, ukuze nani niyive ukuba mnandi kwayo." Ngezinye iimini amaNdiya ebebonisa umama ukuba iphekwa njani na iroti nekheri. Yhu, le kheri ibibaba kakhulu, kodwa yayimnandi.

Kodwa ngenye imini ndeva kabuhlungu kakhulu kuba babefudusela amaNdiya eClairwood.

Asizange siphinde sibonane, ngaphandle nje kokuba ecaweni yethu umshumayeli wathi, "Owu, kule cawe izayo siya eClairwood kwaye sizakudibana namaNdiya phaya."

Emva kwecawe besisiya ezindlwini zabo, siye kufumana ukutya neziselo. Emva koko sikhwele iibhasi sigoduke.

I-Valiyenti emhlophe

Ndikhumbula ingxaki enkulu esasibanayo xa sasikhula KwaMashu. Leyo yayiyingxaki yeValiyenti emhlophe. Sasiyoyika kakhulu loo moto kuba yayiyeyootsotsi.

Sasikhwela iibhasi neeteksi xa sisiya esikolweni kuba sasisoyika ukulandelwa yiloo moto.


Kodwa ngamanye amaxesha besingabinayo imali yokubhatala iiteksi, ngoko ke besihamba ngeenyawo ukuya esikolweni. Besizama ukuzimela phakathi kwezindlu xa sibona loo moto iyiValiyenti emhlophe. Kaloku sasisazi ukuba xa bathe basibona abatsotsi bangasibulala okanye bamke nathi.

Ngenye imini seva ukuba aba tsotsi bafumene ingozi yemoto. Bathe xa besiya elunxwemeni baleqwa ngamapolisa. Le moto yaba tsotsi yayibaleka ngesantya esiphezulu kakhulu, yaze ke yabhukuqa.

Omnye wabo wabhubha, omnye ekwakusithiwa nguBafana, waqhawuka ingalo. Kwasala utsotsi omnye. Lowo ke yayingumphathi wabo.

Sacinga ukuba yonke into iyakubangcono, kuba ngoku umphathi wayeshiyeke yedwa. Nangona kunjalo, lo mphathi waqhubeke esenza izinto ezininzi ezimbi.

Ngenye imini lo mphathi watyelela umhlobokazi wakhe esection E. Uthe ngoku elapho wacinga ukuba makahlambe imoto yakhe. U-Vusi ke, ongubhuti womhlobokazi walo mphathi waphuma phandle.



U-Vusi wayemcaphukela lo mphathi, ngoko ke wathabatha imela yakhe wamhlaba wabhubha. Owu, sonke ke seva ukuba uVusi umbulele. Owu, sonke savuya kakhulu ngaloo mini.

Sasimthembisa uVusi ukuba sakumtyelela entolongweni kwaye simphathele ukutya. Sathi akasoze ahlupheke.

Futhi sasifuna ukuxelela amapolisa ukuba sikruqukile ngulo mphathi. Mhlawumbi wayezakwakha elinye iqela lootsotsi.

U-Vusi zange ahlale ixesha elide entolongweni. Wahhlala nje iintsukwana ezimbalwa, aze amapolisa athi, "Owu, mininzi iminyaka sifuna ukumbamba to mphathi. Ngoku ke wena uVusi ungaphuma entolongweni."

I-Black Cat

Ndikhumbula elinye ibali lemoto eyayibizwa ngokuba "yiBlack Cat." Yayivela eVryheid kwaye yayiyingozi kakhulu. Thina bantu abangoomama sasiyoyika kakhulu le moto kuba yayifuna ukumka nabantwana bethu iyokwenza amayeza ngabo.

Ngenye imini ndaya kuphuthuma intombi yam, uZandile, esikolweni. Ndadibana namakhwenkwe ndawaxelela ukuba mawagoduke kuba iBlack Cat yayikufutshane. Bathi abamazi ukuba uphi na uZandile.

Ndajonga kuyo yonke indawo kodwa andayibona intombi yam. Emva koko ndabona abanye abantwana ndababuza, "Khangе nimbone uZandile?" Omnye wandibiza wathi, "Jonga, Mama, uZandile usegumbini lokufundela." Saya kumjonga samfumana ekhona nyhani.

Wathi, "Ndihleli apha kuba ndifuna ukugqibezela umsebenzi wam wesiNgesi." Ndathi, "Hayi, ndibulela uMdali kuba ndikufumene."

Sinento ehlekisayo ekhaya. U-Dumisani,
umnak'uboZandile wambuza ukuba washiyekelani
esikolweni. Wathi, "Andifuni ukufana nawe kuba
awusazi isiNgesi."

Umtshato wam

Iminyaka yokuqala

Ndatshata ngo1975.

Phambi koko ndandisendihlala nomyeni wam, esection M KwaMashu. Sasihlala kunye ukusukela ngelaxesha ndandinomntwana omnye, uDumisani, ongumntwana wamazibulo. Ngoko ke kwakungo1968. Sasihlala kakuhle. Kwakumnandi. Yonke into yayihamba kakuhle.

Kodwa emva kweminyaka emithathu umyeni wam waqala ukwenza izinto ezimbi endandingazithandi. Waqala ukuba namantombazana nokungalali endlwini. Wayengafiki ngethuba ekhaya kwaye ngamanye amaxesha ebengabuyi tu. Ukusukela ngoko ke ndaqala ukuhlupheka.

Ndafumana uThami ngo1969, ndaphinda ndafumana uZandile ngo1972, ndaza ndafumana uSipho, lo ugulayo ngo1976. Kwakukubi kodwa kungekubanga kakhulu. Kaloku ngelishesha ndifumana aba bantwana wayezama ukundinceda ngeendlela ezininzi. Xa ndivela esibhedlele ebencedisa ngokupheka nangokwenza ezinye izinto. Kodwa ebedla ngokuhamba akugqiba ukuncedisa.

Kwaye kwabakubi kakhulu emva kokuba ndifumene uSipho, lo wazalwa ngo1976. Umyeni wam waqhubeka nokuba namantombazana amatsha futhi waqala ukusela utywala.

Ukubuya esibhedlele

Ngo1979 ndafumana intombi yesibini, uNono, esibhedlele iKing Edward. Umyeni wam zange aye kundibona okanye anditsalele umnxeba tu. Wazithulela nje.


Ndakhutshwa kwangaloo mini kuba bathi baninzi abantu esibhedlele. Ndandingena ndawo.

Ndandingenayo nesenti esipajini sam. Ndathabatha umntwana wam ndaya esangweni ndabiza inqwelo yezigulana. Ndaxelelwa ukuba ayikho inqwelo yezigulana eya KwaMashu. Ndandicinga ukuba ndizakwenza njani ke ngoku. Bathi, "Ayikho into esingakwenzela yona."

Ngoko ke ndaphuma emasangweni esibhedlele.

Kwakukho indoda emi ngaphaya kwesango lesibhedlele. Ndaya kuyo, ndacela imali kuba ndandifuna ukukhwela uloliwe. Kodwa wayengenayo imali. Wathi, "Eyi, ndiyakuvela kodwa andinanto etasini."

Ngoko ke ndaqalisa ukuhamba ngeenyawo, indlela ende ukusuka eKing Edward ukuya esitishini saseDalbridge.



Ndithe xa ndikufutshane esitishini saseDalbridge, kweza inenekazi. Eli nenekazi lalithengisa iJuba nezinye izinto esitishini. Wakhawuleza weza kum wathi, "Owu uvela esibhedlele. Kutheni uhamba ngenyawo nje? Kuba ndiyakubona usandula ukubeleka." Ndathi, "Ewe, andinamali, ngoko ke ndiye ndanyanzeleka ukuba ndihambe ngeenyawo." Wathi, "Sapha umntwana."

Emva koko eli nenekazi labiza enye intombazana. Layinika iirandi ezintlanu lathi mayiyo kundithengela ipayinti yobisi kunye nezikonsi, saze sahamba kunye saya esitishini.

Wathi kumnqomfi wamatikiti, "Ungalibizi itikiti kweli nenekazi, le ntombazana ndiyithume evenkileni izakubuya netshintshi."

Sithe sakungena esitishini laa ntombazana yabuya evenkileni iphethe ubisi nezikonsi. Wandinika iirandi ezimbini wathi, "Ndizakuthengela itikiti. Xa ufika esitishini KwaMashu ucele umqhubi weteksi ayo kukubeka esangweni ekhayeni lakho ngezi randi zimbini." Wayesazi ukuba iteksi ibiza imali eninzi.

Ndathi, "Enkosi kakhulu."

Ndafika ekhaya umyeni wam engekho.

Itshatini yentlanzi

Emva kokuba ndifumene uNono, umntwana wam wesihlanu, izinto zaye zisibambi kakhulu. Umyeni wam zange andithengele izishubelo, zange andithengele nto. Saqala ke ukulwa. Salwa rhoqo.

Ngenye imini ndiphakathi endlwini, wangena wavela nje wathi, "Heyi, ndenzele itshatini yentlanzi. Ungayipheki. Kunye nezilayi ezibini zesonka."

Ndithe ndisenza loo ntlanzi, kwankqonkqoza inenekazi emnyango. Yayingumhlobokazi wakhe. Bahlala bobabini gumbini lokutyela, basela utywala.

Ndithe ndakugqiba ndayizisa itshatini egumbini lokutyela. Umyeni wam wathabatha icephe wayiva. Emva koko wathi, "Nonsense, ngubani ongatya le nto? Ndakuxelela ukuba uyenze njani ichutney, ngoku wena uyenza ngendlela yakho."

Wavela nje wayichitha phantsi.

Ndathula. Unyana wam omdala uDumisani wakubutha ukutya phantsi, wosula kwacoceka.

Utywala kunye namantombi

Ngokuya ixesha lihamba, umyeni wam waye esela kakhulu. Wayedla ngokuvuka sekusemini, athi, "Namhlanje andiyi emsebenzini, ndidiniwe." Ngokuya ixesha lihamba, "Andifuni ukusebenza namhlanje."



Ndabuza, "Kutheni?" Wathi, "Hayi, kudala ndisebenza kula ndawo iminyaka emininzi, kwaye abandibhatali mali eyaneleyo. Ndisebenza nzima, futhi ndenza umsebenzi omkhulu obufanele ukuba undibhatala imali eninzi, kodwa abandibhatali ngokwaneleyo."

Ke, ndavala umlomo wam.

Ngoku ke sele ehlala ekhaya waqhubeka ukusela kunye nokuba namantombazana. Waqala ukuzisebenzela, epeyinta iimoto apha eyadini. Xa efumene imali eninzi ebethabatha intombi yakhe amke.

Kodwa uyakumbona ebuyela ekhaya yakuphela imali.

Kwakusoloko kufana.

Ulugxa

Umyeni wam ebendinika imali encinane. Ngoko ke, ngenye imini ndathi, "Kufanele ndizame ukufuna umsebenzi." Kodwa wathi, "Owu hayi, andifuni usebenze kuba ndisebenza nzima apha kwaye ndiyakondla. Ndikunika yonke into." Kodwa ngokwenyani ebengandiniki nto. Ndathi ke, "Kufanele ndisebenze." Ndafumana umsebenzi, ndaqala ukusebenza.

Kodwa emva kokufumana uSithe, unyana wam omncinane, kwafuneka ndihlale ekhaya kwakhona.

Ngenye imini xa ndandisekhaya salwa kakhulu. Ndandingenzanga nto. Ndandizibuza nje, "Ndenzeni?" Wangena endlwini, wathabatha ulugxa, wandibetha entloko. Ndathi, "Undibethelani kangaka?" Wathi, "Ungathethi." Owu, yayingumlo omkhulu. Wazama ukundibamba, nam ndazama ukumtyhalela phaya kude ukuze ndibaleke. Kodwa wandilandela kuyo yonke indawo. Ekugqibeleni kwafika umzala wam wamtyhalela kude wambamba.

Ndabaleka ndaphuma ndaya kuMhlalingaphambili wesecion yethu, ndamxelela konke.

Umhlalingaphambili weza endlwini yethu wathetha nomyeni wam. Emva koko umyeni wam wathi, " Ndiyabona ngoku ukuba ndenze impazamo, kwaye andisoze ndiphinde ndiyenze le nto kwakhona."



Ukubaleka

Ngobunye ubusuku umyeni wam waphinda wandibetha kwakhona. Uthe esaye kwelinye igumbi lokulala ndavula ifestile, kuba yayingenazo iiburglar guards. Ndaphuma ndabaleka. Ndabaleka ndaya kwesinye isitalato kumakazi wam, ndankqonkqoza efestileni yendlu yakhe. Wavula umnyango wandingenisa.

Msinyane nje emva koko seva abantu bendikhangela. Ndeva ilizwi lomyeni wam, "Ndim, uThemba." Kodwa savela nje sabajonga singaphakathi endlwini, asabavulela. Ndathi, "Andiphindeli phaya tu. Ndidiniwe bobu bubhanxa."

Emva kokuhlala nomakazi iintsuku ezimbini ndaya esection D emzini kabhuti wam, ndamxelela yonke into. Ubhuti wam waya emzini womyeni wam waya kuthatha abantwana. Wathi kuye, "Ndiyabathatha aba bantwana ngoku. Ndidiniwe nguwe. Ngalo lonke ixesha udlala ngodade wethu. Ndikruqukile nguwe."

Umyeni wam wathi, "Kulungile, kodwa sizakubona ukuba ngubani na ozakwenza into ekugqibeleni.

Ungenza into oyithandayo kodwa uzakubona into endizakuyenza."

Ke ndahlala emzini kabhuti nabantwana bam, umyeni wam wazihlalela kwakhe.

Kodwa ebedla ngokuza kundikhangela, "Uphi? Ndifuna ukuthetha naye." Kodwa xa sithethayo besisilwa.

Kwakusoloko kufana. Ngoko ke ndathi, "Heyi, libala ngam."

Oomamomncinci

Ngenye imini ndathi ndingekho ekhaya umyeni wam wafika endlwini kabhuti wabathatha bonke abantwana bam. Ubhuti wathi kum, "Kulungile, myeke abathathe abantwana ukuze asokole ngokubondla nokubenzela iimfanelo zabo, kunye nokubhatala iimali zesikolo."

Ke abantwana bahlala nomyeni wam. Ekuqaleni xa babemana bendityelela babendixelela ukuba konke kulungile. Bathi yonke into ihamba kakuhle.

Kodwa ke umyeni wam waqala ukutshintsha amantombazana. Okokuqala yaba ngomnye umfazi owayehlala nabantwana bam. Emva kweenyanga ezintathu, yaba ngomnye, futhi yaphinda yaba ngomnye.

Ngenye imini to mfazi asahlala naye ngoku, wathi "Hayi, andibadingi aba bantwana bakho, andibafuni." Xa benento emnandi bebengabaphi abantwana. Ke abantwana baqala ukuxela, "Mama siyasokola ngoku. Izinto azihambi kakuhle."

Ndandingazi ukuba nderize ntoni. Kodwa abantwana baqala ukumshiya umyeni wam ngokulandelelana.

Bamshiya ngamnye ngamnye.

Ukutshintsha kwezinto

Sikhule ngokwahlukileyo kwindlela abakhule ngayo abazali bethu.

Xa sasibancinci, abazali bethu babesithi amantombazana makangawatyi amasi, amaqanda kunye nenkukhu kuba oku kutya kwenza amantombazana akhule ngokukhawuleza okugqithisileyo kwaye zenza igazi labo libeshushu kakhulu. Inye ke into abayakuyifuna, ngamakhwenkwe.

Kodwa ngoku, kule mihla, into efunwa ngabantu abatsha lubisi, iRama kunye namaqanda.

Futhi ngaloo mihla yabazali bethu, bekusenziwa itheko ngomhla owodwa. Xa intombi yokuqala igqiba iminyaka engamashumi amabini ananye, abazali babexhela ibhokhwe, benze utywala besiZulu, babize izizalwane kunye nabamelwane. Emva kokuhlinza ibhokhwe, bebethabatha ufele balijijele engalweni yale ntombazana.

Ngale ndlela bebeqinisekisa ukuba le ntombazana ayisoze isokole. Xa indala, iyakufumana umyeni kwaye ifumane abantwana.

Kodwa kule mihla, abantu abancinci bohluke. Abafuni ukugcina izinto ezazisenziwa ngabazali babo. Bathi, "Bazakuthini abahlobo bethu?" Xa begqiba iminyaka engamashumi amabini ananye, badlala iigumbagumba, bavule ifestile. Baphucuke kakhulu.

Imingcwabo yakudala neyangoku

Xa sisiya emingcwabeni kule mihla akusafani nakuqala.

Kuqala, bekufuneka sizole emingcwabeni. Kwakungathi asivumelekanga ukuba siziphathe kakubi xa kukho umntu oswelekileyo elusatsheni. Kwakufuneka siziphathe kakuhle, xa uthetha ungathetheli phezulu.

Ngokwesiqhelo, le nkosikazi ibhujelwe yindoda ibisambatha ityali emagxeni, ihlale phantsi ngenzolo phambi kwamakhandlela. Ayivumelekanga ukuba iphakame apho kude kufike imini yomngcwabo, kwaye kufuneka ingathethi nabantu. Ukuba ufuna ukuthetha nale nkosikazi kufuneka uhambe kancinci usondele kuyo, uthethele phantsi.

Ngoku abantu benza izinto ngeendlela ezahlukileyo. Abazolanga. Bathethela phezulu. Basela utywala ngexesha lokuzila, ngakumbi ukuba lo mntu ubhubhileyo ebelinxila.


Bathi, "Ewe ebengumhlobo wethu kwaye kufuneka

sisele ngoku kuba besisela sonke. Kufuneka sisele kakhulu namhlanje kuba bazakumsusa kuthi."

Ngelinye ixesha uye ubone le nkosikazi ibhujelwe yindoda iphakama ikhulula ityali isilwa nabantu bosapho.

Kutshanje ndikhe ndaya kwimingcwabo emibini eyahlukeneyo. Omnye yayingokamama, apho ke izinto zazisenziwa ngendlela efanelekileyo.

Omnye yayingumngcwabo ongaqhelekanga tu.



Umngcwabo kamama

Umama wam usweleke kulo nyaka uphelileyo eLadysmith. Uthe ke akusweleka, thina silusapho, saqokelelana sahamba sonke saya eLadysmith apho wayekade ehlala khona.

Apho ke sahlala ngaphakathi endlwini, lonke usapho, bonke abamelwane kunye nezihlobo.

Xa kukho umntu oswelekileyo kwisizwe sethu, kudla ngokuba bonke abantu beze endlwini bathethe ngalo mntu ubhubhileyo. Into endayithanda kakhulu ngale ndibano kukuba bonke abantu ababekhona bathetha izinto ezintle ngomama.

Bachaza ngendlela awayethanda ngayo ukuya ecaweni nezinye izinto ezininzi awayedla ngokuzenza. Bathi wayebanceda abamelwane kwaye wayedla ngokuthetha nabafazana abancinci azame ukubachazela ngezinto xa beneengxaki. Bonke babemthanda.

Ngoku ke njengokuba eswelekile, bonke babekhona, besihla benyuka apha endlwini besincedisa. Zange kufuneke nokuba sipheke isidlo sangokuhlwa kuba

babebaninzi kakhulu abantu abasincedisayo, kwaye bephaka.

NgoLwesihlanu kwabakho inkonzo yesikhumbuzo kwaye uMfundisi uGodfrey weza apha endlwini.


Sithe sakuqalisa ukuthandaza, uMfundisi wathetha ngaye. Wathi, "Eli nenekazi, belomelele. Ubedla ngokuza ecaweni nokuba uphatheke kabuhlungu ngamadolo. Kodwa ngenye imini ndathi kuye, 'Ungazihluphi ngokuza apha. Kukude kakhulu. Ndiza kuza kwisection yenu ndenze umthandazo kunye nani nina bantu badala. Ke uxelele nabanye abantu abadala baqokelelane apho kwakho.' "

U-Mfundisi waqala ke ukumana esiya ekhayeni lakhe, engenisela abantu abadala umthandazo.

Kodwa ngenye imini umama walinda nje uMfundisi amke. Emva koko, wamlandela waya ecaweni. Uthe emva kokuhamba ixesha elide, wadinwa kakhulu wahlala phantsi ecaleni kwendlela.

Emva kwexesha, uMfundisi wagqitha evela kwezinye iindawo ngemoto. Uthe akumbona ehleli ecaleni kwendlela wathi, "Awu, kutheni ulapha?"

Wathi, "Owu hayi, soze ndiyimele lento. Ndiyathanda ukuza ecaweni kuba abantu bacula kamnandi



ecaweni. Kodwa phaya ekhaya thina bantu badala asiculi kamnandi. Yiyo le nto ndinganeliseki xa ndingekho ecaweni."

U-Mfundisi wathi kuye, "Owu, ngena emotweni, masihambe." Kwafuneka ke ukuba amane emsa ecaweni, aphinde ambuyise qho, kuba wabona ukuba indlela inde kakhulu kwaye kwakufuneka ahambe umgama omde ngeenyawo.

Watsho njalo ke uMfundisi.

Amanye amakhosikazi amancinane athi, "Owu, xa ndandisilwa namanye amakhosikazi okanye nomyeni wam, uMakhulu ebendinceda."

Abanye bathi, "Xa kwakufanele ndiye kusebenza uMakhulu ebesiza ekhaya aze kundincedisa, ajonge abantwana bam kwaye abaphe ukutya. Ngoku silahlekelwe. Asazi ngubani ozakusinceda."

Owu, bonke bathetha izinto ezintle ngaye.

NgoMgqibelo sonke saya kumngcwaba.

Umngcwabo ongaqhelekanga

Utywala, ingoma kunye neengxabano

Ngenye imini umhlobo wam wandicela ukuba ndihambe naye siye emngcwabeni. Ke saya ekhayeni lalo mntu uswelekileyo.

Sifike apho abantu benxilile, becula iingoma ezininzi ezahlukeneyo. Inkosikazi yayihleli apho yombethe ityali emagxeni. Igama layo yayinguMaShange.

Kuthe ngeli xesha abantu baculayo kwangena inenekazi. Lalifuna ukuthetha ngobhuti walo oswelekileyo njengoko kulisiko. Abantu bakhwaza bathi makathule, kodwa wahlala phantsi wathetha, "Lo ngumnakwethu kwaye ndifuna ukuthetha ngaye.

Esaphila yayindim owayethwala iingxaki zakhe. Ngelaa xesha abantu babetshisa indlu yakhe wabalekela apha kum."

"Kwaye ngelaa xesha abantu babemzingela ngemipu wabalekela apha kum. Ngoku anindiniki nethuba eli lokuthetha ngaye. Ukuba anifuni kukula kakuhle okanye nithethe ngaye singalwa. Ngoko ke ngeke sibenawo umngcwabo."

Kwangoko nje abantu bayeka ukucula. Baqala balwa. Enye indoda yacela abantu ukuba bathule kodwa zange bafune ukumamela. Mna nomhlobo wam sasuke asazi ukuba sithinina, kodwa saqhubeka sahlala.

Yayingumngcwabo ongaqhelekanga nyhani.

Inkosikazi yesibini

Emva kokuba sisendlwini ixeshana, kwamisa imoto phandle, sabona kufika abantu abathile, abamalunga ne 20 okanye 25. Phakathi kwabo kwakukho inenekazi elalombethe ityali emagxeni.


Ndabuza umhlobo wam, "Kutheni le nkosikazi yombethe ityali? Inkosikazi ayiyiyo le ilapha phakathi kwethu?" Umhlobo wam wathi, "Owu, le ndoda yayinamakhosikazi amathathu, kwaye babengazani."

Le nkosikazi yombethe ityali yangena yahlala phantsi. Ngoku ke kwaqala iingxaki ezintsha kuba abantu ababesendlwini babengamfuni lo mfazi ungenayo, kwaye aba bantu bafikayo babengamfuni lo mfazi bafike ehleli phantsi. Kwakhona kwabakho ingxolo enkulu. Wonke umntu wacinga ukuba yintlekisa enkulu, ngoku abantu zange baphinde bazame ukuziphatha kakuhle. Wonke umntu wayethetha ngezi ndaba zalo mzi, "Le ndoda ibinamakhosikazi amabini kwaye omabini ombethe ityali."

Enye indoda yathi, "Uxolo ngale nto. Nonke nibonile ukuba le nkosikazi ingene yombethe ityali. Le yinkosikazi enkulu yomnakwethu, uMaHlange."

Wasixelela ukuba masingene ezibhasini ezaziza kusisa emngcwabeni eEmolweni. Xa sisezibhasini saqhubeka sithetha ngezi ndaba zingaqhelekanga kubantu abasecaleni kwethu.





Inkosikazi yesithathu

Emngcwabeni la makhosikazi mabini kwafuneka ahlale ndawonye. Thina bantu sasihleli emva kwabo, kwaye uMfundisi waqalisa umsebenzi wakhe. Wayeseza nje, "Ngoku lixesha lokuba usapho lugalele umhlaba."

Kodwa ngeli thuba kwafika enye imoto, yagxidisa elinye inenekazi elambethe ityali kunye neqela labantu. Eli nenekazi lalikhala. Azange sazi ukuba sithini kodwa sacinga ukuba leyo yayiyinkosikazi yesithathu. Yayingubani? Akukho mntu wayesazi. Kodwa ngoku safuna ukwazi ukuba kuzakuqhubeka ntoni.

Sasingasazisolile ngoku ngokwenzekileyo kuqala. Ngoku saqala savuyela ukubukela yonke into.

Sonke sathi, "Sudukani, sudukani" kwaye sonke sasuduka endleleni savulela eli nenekazi lagqitha laya kuhlala phantsi nalawa ebesele ekhona amakhosikazi.

Waqhubeka umngcwabo waza umhlobo wam wathi kum, "Masingagoduki ngqo xa sisuka apha, masiye ekhayeni labo ukuze sibone ukuba kuzakuqhubeka ntoni phaya."

Nam ndavuma.

Nombolo 1, 2, 3

Emva komngcwabo la makhosikazi mathathu kunye neentsapho zawo, bangena ezimotweni zabo, thina sangena ezibhasini ukuze sibuyele endlwini. Lisiko lethu ukuba siye kufika emzini wolu sapho lubhujelweyo emva komngcwabo ukuze sihlambe izandla.

Sithe sakufika apho abe sefifikile omathathu la makhosikazi. Kulisiko ukuba amakhosikazi akhulule ityali emva komngcwabo. Kufuneka aye kuhlamba ngamanzi abandayo phambi kokuba angene endlwini.

Ngoku ke la makhosikazi aqala ukuxabana. Le ibihlala nale ndoda yade yabhubha yathi, "Kuza kuhlamba mna kuqala kuba bendihlala naye." Lo ungowesibini ukufika wathi, "Soze yenzeke loo nto. Kufuneka ibendim kuqala kuba ndiyinkosikazi enkulu."

Omnye umntu wabuza le nkosikazi yesithathu, "Awu, MaSondo, kutheni uthule nje, kutheni ungayi phaya?"

U-Masondo wathi, "Eyi, ndiyeke mna. Andifuni kuthetha. Bayeke benze loo nto bafuna ukuyenza."

Emva kwexeshana udade wale nkosikazi yokugqibela wakhwaza, "Nombolo 1, uphi uNombolo 3?"

Sasingaqondi sabuza, "Uthetha ukuthini?" Wathi, "O, ndithetha ngala makhosikazi mathathu. Soze ndithi MaShange, MaHlange, MaSondo. Kufanele ndibabize ndithi Nombolo 1, Nombolo 2, Nombolo 3."

"Nanku uNombolo 3," utsho uNombolo 3, nguMaSondo." "Yiza, MaSondo, lithuba lakho ngoku lokuya kuhlamba."

Ke baya kuhlamba omnye emva komnye baze bobathathu babuyela endlwini.

Kodwa kuthe kwakuziswa ukutya, la makhosikazi mabini afike ngaloo mini akafuna ukutya.

Abanye abantu babonwabile. Babesela. Babengakhathali ngento ehlele elo khaya.

Omnye umntu wathi kubo, "Kutheni ningxola kangaka? Masingangxoli kuba sivela kufihla uMnumzana Mbongo."

Kodwa omnye umntu waphendula, "Hayi siyeke thina. Kuyinyaniso ukuba apha besizele ukuza kulila nosapho kodwa kwabona abalili. Bayathetha, bayasela, bayalwa. Ke sizakuthini ukuzikhathaza xa kwabona ngokwabo beziphethe ngolu hlobo."

Abantu zange bamamelane.

Emva kwemizuzwana embalwa kwangena inkwenkwe, unyana kaMaHlange, le nkosikazi inkulu. U-MaShange, le nkosikazi yokugqibela, wayehleli ekoneni. Le nkwenkwe yaya kuye ngqo yamkhaba, yathi, "Phuma apha! Nguwe owokugqibela ohleli notata, umtyise ityhefu, awulunganga."

Ngoku wonke umntu waphakama wabaleka. Kwaphela njalo.

Ngenene andisokuze ndiwulibale loo mngcwabo ebomini bam.

Amabali kamama

Umvundla okrele-krele

Xa ndandimncinci umama wayedla ngokundibalisela amabali amaninzi amnandi. Eli bali lithetha ngomvundla.

Ngenye imini izilwanyana ezimbini, ihagu kunye nebhokhwe, zadibana nomvundla. Zathi zakubona umvundla zayihleka.

Umvundla yacaphuka yafuna ukuba ezi zilwanyana ziyeke ukuyihleka. Zithe xa zigqithayo, umvundla yakhwaza yathi, "Heyi wena hagu, ndifuna ukukuxelela into ebaluleke kakhulu."

Kodwa umvundla zange ithethe nto ebalulekileyo. Inye nje into eyayithethayo kukuba ilanga liyatshisa.

Ke ihagu yabuyela ebhokhweni, ibhokhwe yabuza ukuba ebesithini na umvundla. Ihagu yathi, "Hayi, umvundla khangе uthethe nto."

"Owu," yatsho ibhokhwe, "uzama ukundiqhatha." Zaqala ke ukulwa ezi zilwanyana.

Umvundla waphumela.



Umakhulu kunye nodyakal Ashe

Elinye ibali lelomakhulu owayehlala nentombi yakhe kunye nomkhwenyana wakhe. Eli bali lenzeka mandulo xa aba bantu babehlala kooronta ngase-Ladysmith.

Yonke imihla ke intombi nomyeni wayo bebesiya emasimini baye kutyala umbona.

Xa ebuya umkhwenyana ebusuku ebethanda ukutya amasi esityeni esingquthu. Umakhulu ebedla ngokumjonga umkhwenyana kuba naye ebethanda ukutya amasi.

Emini, ngeli xesha umkhwenyana esemasimini, umakhulu ebewatya la masi omkhwenyana wakhe.

Ebedla ngokuchopha esitulweni, yayingesositulo sokwenyani, yayisisigodo somthi, ebesitya ke, acule ngokonwaba. Xa egqibile ebegalela amanzi kwesi sitya samasi.

Ngenye imini umkhwenyana wabuya msinyane emasimini. Uthe xa esiya endlwini wambona umakhulu esitya amasi. Wakhwaza, "Yha, Yha, ndikubhaqile. Namhlanje yimini yakho. Kudala

usitya amasi am. Ubumane ugalela amanzi kwesi sitya. Ngoku ndifuna uyokukha amanzi abandayo emlanjeni. Kufuneka kungabikho masele, kungabikho krebe kwaye kungabikho zinyoka kulo mlambo."

Ke umakhulu wathabatha isitya ukuze agalele amanzi.



Uthe akufika kumlambo wokuqala wathi, "Zikhona iinyoka? Bakhona ookrebe?"

Iinyoka zenza iculo lazo, "Sssss, sikhona."
Umakhulu waya komnye umlambo, nalapho izilwanyana zamphendula.

Ngoku umakhulu wayekude nekhaya kwaye wayedinwe kakhulu. Wahhala phantsi ukuze aqhumele. Ngelo xesha kweza kuye imbila yathi, "Ngubani othe uyokukha amanzi? Uzakubona esinye isilwanyana, isilwanyana esikhulu esingathi sisigebenga siyeza?"

Umakhulu waqala ke ukuhlupheka, wayezoyika izigebenga. Emva koko weva ilizwi elikhulu nezingqi ezinkulu. Kwakukho into ezayo, into ethetha ngelizwi elikhulu.

Yayilizwi lesigebenga. "Makhulu ndijonge ukuba ndingubani. Phakama sihambe."

Isigebenga sahamba nomakhulu saya naye apho kwakukho ezinye izilwanyana. Wathi kwezi zilwanyana, "Kufuneka nindiphathele iinkuni kuba umakhulu yinyama yam. Uzakuba sisidlo sam esimnandi ngomso."

Ngobo busuku xa izilwanyana zazilele, udyakalashe weza kumakhulu. Wamsebezela endlebeni wathi,



"Makhulu vuka, kuba uzakufa. Ndizakusondeza ndikubeke kufutshane nasemzini wakho."

Umakhulu nodyakalashe babaleka, babaleka.

Uthe xa ebuya udyakalashe wabe egcwele bubumanzi bengca. Obu bumanzi babonisa ukuba nguyeye omke nomakhulu. Ngoko ke wavuthululela ubumanzi embileni.

Sithe xa sivuka kusasa isigebenga sabuza, "Uphi umakhulu? Iphi inyama yam?" Zonke izilwanyana zathi azazi ukuba uphina umakhulu.

Sahleka isigebenga, "Aha, lowo uthathe umakhulu uzakubamanzi." Ingonyama yayingamanzanga, indlovu yayingamanzanga. Kodwa yona imbila yayimanzi.

Isigebenga saqala ke ukoja imbila.

Utywala, iingoma kunye neengxabano

First published 1995 by New Readers Publishers

Copyright © 1995, 2019 New Readers Publishers

Author: Sibongile Sithole

Edited: Andrea Engel and Heather Silove Howe

Illustrations: Students of the Durban University of Technology, Durban

Cover illustration and illustration for 'A Strange Funeral': Lesley Lewis

Design: Lesley Lewis

Original print version ISBN: 978-1-86840-160-4

This publication is available under an Open Access Creative Commons licence: Attribution-NonCommercial-NoDerivatives 4.0 International (CC BY-NC-ND 4.0)



<https://creativecommons.org/licenses/by-nc-nd/4.0/legalcode>

By using the content of this publication, the users accept to be bound by the terms of use of the licence. You are free to share (that is, copy and redistribute the material in any medium or format) as long as you follow these licence terms:

Attribution (by): You must give appropriate credit to New Readers Publishers and provide a link to the license.

Non Commercial (nc): You can copy, distribute, display, perform, and use this material for any purpose other than commercially (unless you get permission first). Non Commercial means not primarily intended for or directed towards commercial advantage or monetary compensation.

No Derivatives (nd): If you remix, transform, or build upon the material, you may not distribute the modified material. But note that simply changing the format does not create a derivative.

NEW READERS PUBLISHERS

New Readers Publishers develops and supports adult literacy and basic English Second Language skills by producing easy to read books in all South African languages for the entertainment and education of adult new readers. Many of the books are also suitable for younger readers.

New Readers Publishers is a non-profit publishing project originally started in 1991 and housed at the Centre for Adult Education at the University of KwaZulu-Natal in Durban until 2014.

It is now an independent initiative which makes digital versions of New Readers Publishers books in all South African languages available online. The use of these e-versions will be free for non-commercial purposes via a Creative Commons Licence (see imprint page for more details).

How to contact us

If you want to find out more about New Readers Publishers please look at our website:

<http://newreaders.co.za>

or email us at:

newreadersdurban@gmail.com